higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

(Iphepha Lokuqala)

NQF LEVEL 3

(4101233)

8 November 2019 (Y-Paper)
13:00–15:30

Olu viwo lunamaphepha ayi-13.

IXESHA: 2½ IIYURE
AMANQAKU: 150

IMIYALELO KUNYE NENGCACISO

1. ELI PHEPHA LINAMACANDELO AMATHATHU ANGALA

   - ICANDELO A: Ukufunda nokunika iimbono [40]
   - ICANDELO B: Ushwankathelo [15]
   - ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi [40]
   - ICANDELO D: Isihobe [45]
   - ICANDELO E: Uncwadi Lwemveli [10]

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo

5. Qala ICANDELO ngalinye kwiphepha ELITSHA.

6. Krwela umgca ekupheleni kweCandelo ngalinye.

6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo

ICANDELO A: UKUFUNDA NOKUNIKA IIMBONO

UMBUZO 1: UVAVANYO LOKUQONDA

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA A

IISELFOWUNI NJENGEMITHOMBO YOKUFUNDA

1. Umthombo wokufunda yiyo nayiphi into esetyenziswa ukuxhasa inkqubo yokufunda nokufundisa. Ngokwenkonzo yezemfundo iBritish Columbia imithombo yokuxhasa ukufunda ziitekisi, ividiyo, iinkqubo zobucuphathi bekhompyutha nezinye izixhobo ezisetyenziswa ngootitshala ukunceda abafundi ukuba bafikelele koko kulindelekileyo kubo ekufundeni kwabo. Kananjalo xa kuthethwa ngemithombo yokufunda kukwabhekiswa kubantu, izixhobo nobuxhakaxhaka nemisebenzi enokufunyanwa isetyenziswe, isetyenziselwe iinjongo zokufunda. Izixhobo zokufunda zikwabizwa njengezixhobo zokufundisa. Ezi ke, zizo zonke izixhobo ezilungiselelwe ukuba zisetyenziswe ngootitshala nabafundi njengemithombo **exhasa** ukufunda nenceda abafundi ukuba bafumane ulwazi, izakhono okanye izimvo ezikhulisa ukuqiqa. Ngoko ke nasiphi isixhobo esisetyenziswa ngutitshala ukwenza ukuba abantwana bafundiseke ngokukuko, sisixhobo sokufunda okanye sokufundisa.

2. Iselfowuni kwezi mini nayo ithatyathwa njengesinye sezixhobo eziyimithombo yokuxhasa ukufunda nokufundisa. Iyidivayisi esebenza njengefowuni eqhelekileyo kodwa yona incinane kwaye uyakwazi ukuyisebenzisa uhamba-hamba ungemanga ndawonye. Iiselfowuni zakutsha nje zinakho ukwenza nantoni na enokwenziwa yikhompyutha. Abasebenzisi bazo bayakwazi ukunxibelelana naye nabani na, nanini na malunga nayo nayiphi na into ngomzuzwana ongephi. Ulwazi nokuqonda ngamawele kwaye ukufundisa nokufunda liziko apho luqulathwa luqanduselwe khona. Kungoko sinokuba siyaphambuka xa siyichila siyinyevulela iselfowuni eklasini. Iselfowuni inokusetyenziswa njengevidiyo enokushicilela nkqu namazwi okanye izandi, ukuthatha imifanekiso, ukuthumela imiyalezo ye-imeyile; ukukhangela iintsingiselo zamagama ngexesha lezifundo zesiNgesi nezoncwadi, ukubala izibalo ezahlukileyo ngokobunzima, ikhemistri, iNzululwazi kunye nokucholachola iinkcukacha namanqaku kusetyenziswa incwadi yamanqaku ekwiselfowuni. Kananjalo iselfowuni iluncedo ekufundeni kuba umfundi uyakwazi ukuthi eyedwa ayisebenzisele ukuzihlola, aphendule iikhwizi, ukusebenza ngamaqela, ukucupha amaxesha okufunda nge-alam kunye nezikhumbuzi malunga nemihla ebalulekileyo enokuba yeyokungenisa imisebenzi, eyokubhala iimvavanyo neemviwo. **Yenza umfundi abenethuba lokusebenza engenatitshala.**

3. Iselfowuni, njengomthombo wokufunda nokufundisa igqwesa ngakumbi kuba isisixhobo esingamiliselwanga ndaweni nye kwaye inobuxhakaxhaka kuyo bokuba isetyenziswe ngeendlela ngeendlela. Loo nto yenza ukuba ukufunda okwenziwa ngesixhobo esiphathwayo (*Mobile learning*) kube lula kakhulu kwaye abafundi babenakho ukufuna ulwazi nezakhono ngaphandle kobunzima. I*mobile learning* iyindlela yokufunda eyenzeka xa umfundi engekho kwindawo emiselweyo, nelungiselelwe kwangaphambili, njengeklasi. Le ndlela yokufunda ilungiselelwe ukuxhasa ukufunda nokufundisa okuqhutyelwa eklasini, ngenxa yokuba iyimfundo engaqhutyelwa eklasini **iqhawula imida nemimiselo yegumbi lokufundela eliqhelekileyo**.

4. Ukufunda nokufundisa ngokusebenzisa iselfowuni kuphelisa izithintelo zexesha njengoko umfundi enamathuba angenasithintelo okufumana ulwazi kwi-intanethi. Iindidi zabafundi zonke ngokokwahluka kwabo babanakho ukulawula isantya sokufunda besebenzisa iselfowuni zabo nanini, naphi na xa bekulungele ukufunda nokufumana ulwazi. Ootitshala banakho ukuthi xa beminxiselwe lixesha elingekhoyo bathumele imiyalezo emifutshane okanye i-imeyile ngeselfowuni, miyalezo leyo iqulethe ulwazi, ii-asayimenti, imibuzo yophando, njalo-njalo. Umfundi ubanakho ukuzifumanela ulwazi ngokwakhe, aphande, aze abelane ngolwazi nabanye abafundi kwangelo jelo linye ebelisebenzisa. Nanjengoko ixesha elininzi ukufunda ngeselfowuni kusebenza nge-intanethi, abafundi abakwiindawo ezahlukileyo ehlabathini bayakwazi ukwabelana ngamanqaku okanye bawathelekise. Isiphumo soku ke kukuba umfundi anganeli nje ukuba ngofunzelwayo oku kwentshontsho lentaka koko athabathe inxaxheba kwinkqubo yokufunda nokufundisa.

5. **Elokugukumbela lelokuba kuyinyaniso engenakuphikwa ukuba** ukusetyenziswa kwezixhobo ezithwalekayo njengeselfowuni njengesixhobo sokunxibelelana kwixesha esiphila kulo kumile iingcambu. Unxibelelwano ke lungundoqo kwinkqubo yokufundisa. Iiselfowuni zisebenza kanye njengeekhomyutha kwaye zizizixhobo zetekhnoloji ezikwinqanaba eliphezulu kakhulu. Kungoko ke kumele ukuthathelwa ingqalelo kwaye kuqinisekiswe ukusetyenziswa kwazo kwinkqubo yokufunda nokufundisa. Ukwenjenjalo kungalinyathelo elisekhondweni elililo nelinokusibeka endaweni ngokubhekiselele kwimfundo. Kunokutshiwo ngokungafihlisiyo nangokuzingca ukuba inkqubo yokufunda nokufundisa igqithile kuleyo yaziwa njengesesikweni, apho utitshala ema phambi kwabafundi eklasini netshokwe nebhodi. Leyo yayisenza abafundi izidodo eziphelele nje ekumameleni oko zikuxelelwayo, ziginye zingakhafulanga namakhatshu. Imfundo eqhutywa ngezixhobo zetekhnoloji yenza ukuba utitshlala abe ngumkhokeli nje, oncedisa ukuqhuba imfundo nomhlahli-ndlela, ze yena umfundi abe ngumthabathi nxaxheba ekuzalisekisweni kweziphumo zokufunda. Enye yezo zixhobo zetekhonoloji zokufundisa kubhekiswa kuzo ke yiselfowuni, ezisa imithombo yokufunda eziyinyambalala kutitshala nakumfundi. Ukusebenziseka nokufumaneka lula kolwazi ngokusebenzisa iselfowuni kwinkqubo yokufunda nokufundisa kwenza ukuba ibe sisixhobo esiphume izandla, esincomekayo nesinexabiso.

[Sithathwewe kwinqaku elithi- 'Cell Phones as Effective Learning Resource' ngu -IV Kaplan, iphepha 2-4, saza saguqulelwa.]

Jonga kumhlathi 1

1.1 Yintoni umthombo wokufunda ngokwalo mhlathi? (1)

1.2 Nika isithetha-ntonye segama 'exhasa' elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (1)

1.3 Xela imizekelo ibe MITHATHU yemithombo yokuxhasa ukufunda ngokweBritish Columbia. (3)

1.4 Khetha impendulo echanenikleyo kwezi zilandelayo:

Igama 'ngokukuko' lithetha into:

A Eyenzeke kaninzi
B Eyenzeke ngempazamo
C Eyenzeke kakuhle
D Eyenzeke kakubi (1)

Jonga kumhlathi 2

1.5 Chaza ukuba yahluke njani iselfowuni nefowuni eqhelekileyo ngokwakulo mhlathi. (2)

1.6 Chonga isivakalisi esibonisa ukuba iselfowuni umntu uyakwazi ukuyisebenzisa nangaliphi ixesha afuna ngalo, athethe nomntu athanda ukuthetha naye ngoko nangoko. (2)

1.7 Sizathu sini esinikwa kulo mhlathi esinokubangela ukuba sibe siyaphazama ukungayisebenzisi eklasini iselfowuni? (2)

1.8 Nika iindlela zibe MBINI umfundi anokuyisebenzisa ngayo iselfowuni eyedwa. (2)

1.9 Nika okuqulethwe sisivakalisi esibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 3

1.10 Cacisa ukuba iluncedo njani kubafundi iselfowuni ekufumaneni ulwazi. (2)

1.11 Chaza ukuba yintoni i*mobile learning* ngokwalo mhlathi. (2)

1.12 Cacisa okuthethwa sisivakalisi esibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 4

1.13 Nika iindlela eziMBINI iselfowuni njengesixhobo sokufunda nokufundisa ekhawulelana ngayo nomba wexesha kwinkqubo yokufunda nokufundisa. (2)

1.14 Ngqina ukuba xa umfundi eneselfowuni akaxhomekeki kutitshala ukuzuza ulwazi. (2)

1.15 Chonga isifaniso esikulo mhlathi uze ucacise ukuba zifana ngantoni izinto ezifaniswayo. (4)

1.16 Nika ingongoma ephambili yalo mhlathi. (2)

Jonga kumhlathi 5

1.17 Ingaba uyavumelana nokuqulethwe sisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.18 Nika isizathu esivela kulo mhlathi sokuba kuthathelwe ingqalelo ukusetyenziswa kweeselfowuni eklasini. (2)

1.19 Thelekisa indlela yokufundisa esesikweni kumfundi naleyo iqhutywa ngeselfowuni kumfundi. (2)

1.20 Uyavumelana neembono zombhali malunga nokusetyenziswa kweselfowuni eklasini? Xhasa impendulo yakho. (2)
[40]

AMANQAKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: UKUFUNDA NOKUNIKA IIMBONO NOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 2: ISISHWANKATHELO

ISICATSHULWA B sithetha ngokusebenzisa ixesha ngendlela eya kukunika inzuzo. Shwankathela esi sicatshulwa uphawule ngendlela yokusebenzisa ixesha ukuze ufumane inzuzo.

QAPHELA:

1. Isishwankathelo sakho masiquke iingongoma eziSIXHENXE ungedluli kumagama angama-70.

2. Bhala isishwankathelo sakho ngokwemo yeengongoma, usebenzise amazwi akho kangangoko unako.

3. AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.

4. Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.
Ulwabiwo lwamanqaku= Umxholo – 10
Ulwimi – 5

ISICATSHULWA B

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze usishwankathele ulandela imiyalelo engentla.

LISEBENZISELE UKWENZA INZUZO IXESHA LAKHO

Ixesha lilibalulekile kakhulu. Xa limkile akukho ndlela unokulibuyisa ngayo. Kuye nawuphi na usomashishini eyona nto ibalulekileyo namel'ukuyifunda ziindlela zokusebenzisa ixesha ngohlobo olunembuyekezo njengoko esenza imali. Ezi ngcebiso zilandelayo zingakubeka encochoyini ube ngusomashishini ophume izandla xa unokuzithathela ingqalelo.

Yenza isigqibo ngokweemfuno zakho. Kumele ukuba ukwazi ngokucacileyo ukuba ufuna ukwenza ntoni ngale mini, kule veki, kule nyanga nakulo nyaka. Ukusebenzisa ixesha ngendlela kuthetha ukuba mawukwazi onqwenela ukukwenza.

Yiba nezicwangciso zosuku ngalunye. Ukuba ubungusomashishini oqhele ukuqala usuku njengaye nabani na unalo ke ngoku ithuba lokuzikhwebula kulo mkhuba wesiqhelo. Xa ungagcina inyathelo lokuqala uze ucwangcise okosuku phambi kokuba luqale ungenza into ebonakalayo. Zibeke zicace iziphumo ozifunayo nendlela oza kuzibona ngayo ukuba ngenene uyakwazi ukufikelela apho ubunqwenela ukufikelela khona.

Ncamathela kumthetho wereshiyo engu-80/20%. Kwimisebenzi oyenzayo yemihla ngemihla ama-20% ayo amele ukuba neziphumo ezingama-80%, ngoko ke qiniseka ukuba uyayazi le misebenzi ukuba iyintoni ukuze ukwazi ukusebenzisa ixesha lakho kuyo ngokuyinzuzo.

Yeka ukubathintela abantu ekwenzeni izinto ezinenzuzo ngenxa yokuba ingengomsebenzi abafanele ukuwenza. Oko kukuthi kufanele ukuba uzazi iziphumo zomsebenzi ngamnye. Bakhuthaze abantu osebenzisana nabo ukuba basebenzise ixesha kwimisebenzi enokwenza ukuba uphumelele.

Kwazi mhlophe omele ukuba ungakwenzi kuba impumelelo ikwizinto esikhetha ukuzityeshela. Yenza isigqibo sokwenza okufanelekileyo ungaxakekisi ingqondo yakho ngezinto ezingenanzuzo. Wunikezele nakowuphi umsebenzi wakho onamava kunawe umsebenzi ongafuniyo ukuwenza.

Qwalasela iziphumo kwinto nganye oyenzayo. Oko kuya kukunceda ukuba ubone ukuba wenza okubalulekileyo kuphela. Kubalulekile ukuyiqaphela indlela ozuza ngayo iziphumo ukuze ungaphinde ulahlekwe xesha.

Imisebenzi ongayithandiyo mayitshotshe entla kuwe. Amaxesha amaninzi siyibeka emva imisebenzi esingayithandiyo nangona indlela eyiyo ikukuqala ngayo xa kuqala usuku. Okuye kwenzeke kukushiywa lixesha oko kukwenze ukuba uyibethise ngoyaba ongayithandiyo wothuke emva kweentsuku imeko sele imbi kakhulu.

[Sithatyathwe kwiBONA MAGAZINI, Septemba 2009, iphepha -91 saza sahlelwa] **[15]**

AMANQAKU ECANDELO B: 15

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3

3.1 UKUHLALUTYA INTENGISO

Funda le ntengiso ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.



[Ithathwe kwiBONA MAGAZINI Juni 2013 yahlelwa]

3.1.1 Nika igama lemveliso ethengiswa kule ntengiso. (2)

3.1.2 Ijoliswe koobani le ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.3 Yintoni injongo yokusondezwa kwemifanekiso yeebhotile zale fomula? (2)

3.1.4 Cacisa ukuba ungqinelana njani umfanekiso womntwana nowezinambuzane nenkcazelo ekwintengiso. (2)

3.1.5 Khetha ngezantsi igama elichanekileyo elisetyenziselwe ukuqhatha umthengi kule ntengiso.

A Valelisa.
B Esithembekileyo.
C Yisebenzise.
D Lonke. (2)

3.1.6 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo yesininzi.

Ifomyula yayo yendalo ilungele zonke iindidi zezikhumba. (3)

3.1.7 Xela indawo efumaneka kuyo le mveliso. (1)

3.1.8 Cacisa okuthethwa leli binzana lilandelayo.

… nibe nobuthongo benzolo. (2)

3.1.9 Chonga izimelabiso zoquko ezisetyenziswe kwesi sibhengezo-ntengiso. (2)

3.1.10 Ucinga ukuba uphumelele umbhali ukuthengisa le mveliso ngesi sibhengezo? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2 UKUQONDA EMINYE IMIBA YEMIDIYA

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo esekwe kuso.



[Ithathwe kwi-www.social.animationa.com]

3.2.1 Xela okungaqhelekanga kule khathuni. (2)

3.2.2 Chaza okuvezwa yinkangeleko yobuso bomntu A. (2)

3.2.3 Nika umyalezo odluliswa yintetho yomntu A. (2)

3.2.4 Cacisa okuqulethwe ludaba lomzimba lomntu B no C. (2)

3.2.5 Xela umsebenzi wamachokoza amathathu (…) akwintetho yomntu A. (2)

3.2.6 Nika ulwazi olufumaneka kwibhodi esentla komntu A eseludongeni. (2)

3.2.7 Bhala isifinyezo segama Mnumzana. (1)

3.2.8 Kutheni umntu C ekrobe ngaphaya komntu B. (2)

3.2.9 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo sibe kwimo elandulayo:

Sinceda abantu kuphela apha. (2)

3.2.10 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo sibe kwingxelo-ntetho.

Thina sinceda abantu kuphela apha, utshilo umntu A.

Qala ngolu hlobo:
Umntu A uthe …. (3)
[40]

AMANQAKU ECANDELO C: 40

ICANDELO D: ISIHOBE

UMBUZO 4

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo uze uphendule imibuzo esekwe kuwo.

Lala Ngoxolo Tshonyane – W. Shasha

Awu! Awu-u-u-u-u-u-u!
Umzi wakowethu wonakale**lwe**,
Umz' omnyama ulahleke**lwe**;
Bamngqolobil' uChris Hani!
Ubuqi-i-i-ili bamatshijolo,
Amanyundululu abangendawo!
Phambili **mandulo**
YayingoMartin Luther King;
Bamsub' uPatrice Lumumba,
Igorha loMbindi-Afrika;
YanguSamora Machel,
Kwangengathi kungengozi;
YanguGriffiths Mxenge,
Batyikity' abangendawo;
Batyikitya ewe nesingabatshongo:
Namhlanje nguChris kaHani!
Iqhawe **lethu** lomzabalazo!
Awu, awu sandlandini senkohlakalo!
Bade bonele nini n'abanxanelw' igazi?

Liwil' iqhaj' elikrelekrele,
Liwil' igorha lakuComfimvaba;
Bambulel' uTshonyane!
Awu, walil' umz' oNtsundu,
Latsh' ilizwe lonke lanyikima!
Wafung' umntu wayengezelisa,
Kwaf' umnt' apha, phaya nangaphaya;
Wathi bazibhudil' izingqi;
Salila sonke sali-i-i-la,
Luduma abasibethe lona:
Uduma olungayiwayo!
Sandlandini senkohlakalo,
Ngaba kode kube nini na!
Kwatsho uNelson Mandela
Mhla wajiy' umzabalazo:
Kode kube nini na
Sibhena xa sikhatywa?
Kode kube nini na
Siphepha xa silingiswa?
Kumhla yenziw' inguqu
Zizihlwel' ezicinezelweyo,
Kumhl' avel' amakhalipha

4.1 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zikwizibiyeli.

Izikhuzo ezikumqolo wokuqala zisetyenziswe (njengesikhahlelo/ njengesikhalo) kolu hlobo lombongo. (2)

4.2 Nika iindidi eziMBINI zophindaphindo ezikrwelelwe umgca kumqolo wesi-2 nowesi-3. (4)

4.3 Ngubani igama lalo Tshonyane ubongwayo? (1)

4.4 Nika intsingiselo yegama elikrwelelwe ungca kumqolo wesi-4 uze uxele ukuba lizisa yiphi ingcinga. (4)

4.5 Xela iinkokeli eziNE ezikhankanywe kulo mhlathi wokuqala ezabulawayo. (4)

4.6 Nika isithetha-ntonye segama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-7. (2)

4.7 Chaza ukuba libhekisa koobali igama 'lethu' kumqolo-17. (2)

4.8 Xela ukuba ubhekisa kubani umqolo we-18. (2)

4.9 Nika isafobe esikumqolo we-19 uze uxele umsebenzi waso. (3)

4.10 Waziwa ngantoni uChris Hani ngokwalo mhlathi? (2)

4.11 Nika iimpawu zibeNTATHU zalo ubongwayo ezifumaneka kwimiqolo 20-21. (3)

4.12 Xela injongo yokuphindaphindwa kwegama 'liwile' uze uxele nokuba lisesiphina isafobe. (3)

4.13 Nika umsebenzi wophawu lokhuzo (!) kumqolo wama-22. (2)

4.14 Nika izinto ezintathu ezenzekayo akuba ebulelwe uTshonyane ezikhankanywe kwimiqolo 23–25. (3)

4.15 Nika umfanekiso-ngqondweni oqulethwe ngumqolo wama-28 uze uxele ukuba uveza ntoni? (3)

4.16 Mbuzo mni owabuzwa ngokaMandela mhla kwabhubha eli qhawe libongwayo? (2)

4.17 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (3)
[45]

AMANQAKU ECANDELO D: 45

ICANDELO E: UNCWADI LWEMVELI

UMBUZO 4

5.1	Xela iindidi zoncwadi lwemveli zibeMBINI.	(2)
5.2	Nika izinto eziMBINI ezibongwa yimbongi yomthonyama.	(2)
5.3	Nika umahluko phakathi kwembongi yomthonyama neyosiba.	(2)
5.4	Yayingoobani abenzi beentsomi?	(2)
5.5	Xela ukuba ayebaluleke ngantoni amaqhina (oorayi-rayi)	(2)
		[10]

AMANQAKU ECANDELO E: 10
AMANQAKU EWONKE: 150